



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2013**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO – P2  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

---

Le memorandum inamaphepha ali – 14.

---

**ICANDELO A: INOVELI****UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo.

- Intlalo kaMpumelelo ekukhuleni kwakhe kowabo.
  - Ukungavani nokuxabana kwabazali bakhe umhla nezolo.
  - Umyalelo katata wakhe wokuba afunde ayityekeze.
- Ubunkedama bakhe eneminyaka elishumi elinesithandathu.
  - Ukusweleka kwabazali bakhe kwingozi yemoto ebajongile.
  - Ukukhuliswa kwakhe ngabanye abantu.
- Ukugula kwakhe.
  - Emva komngcwabo ubangathi uyaphambana.
  - Esikolweni usoloko elilolo.
  - Uba nengxaki nabaphathi besikolo.
  - Uyonzakala ngokumasikizi esikolweni.
  - Uphoswa sisikolo elele esibhedlele.
- Ukuphila kwakhe nokufunda kwakhe kwakhona.
  - Ukubuyela esikolweni.
  - Uphumelela emagqabini izifundo zakhe.
- Ukufunda phesheya nempumelelo yakhe apho.
  - Impumelelo yakhe eWentworth.
  - Ukufunda kwakhe phesheya izifundo zotyando lwamathambo entloko nezifo zengqondo.
- Ukubuyela kwakhe kowabo namanzithinzithi adlule kuwo.
  - Ubuyela ekhaya engugqirha.
  - Itheko lokuvuyisana naye.
  - Ukusinda kwakhe kwiyelenqe lokubulawa alenzelwe nguNozililo.
- Impumelelo yakhe ekhaya.
  - Isihikahika setheko asenzelwa kowabo eLusikisiki.
  - Iqhayiya kubantu bakowabo.
  - Ukuzimanya ngeqhina lomtshato noThembisa.
- Imisebenzi yakhe yokuphucula intlalo yaseLusikisiki.
  - Wakha isibhedlele sabagula ngengqondo.
  - Ukuququzelela kwakhe ukuba kwakhiwe ikloniki zasekuhlaleni.
  - Ukuqala kwakhe ikwayara yabantu abadala kunye nezemidlalo elungiselela ulutsha.
- Ukuqaqamba kwakhe njengogqirha.
  - Ukuba ngumphathi wesibhedlele sabagula zizifo zengqondo.
  - Ukunyanga isigulana esasincanyawe kwizibhedlele zonke.
  - Ukuba yindumasi ngobungcungela bakhe de aye kuncedisa phesheya.

[35]

**OKANYE**

**UMBUZO 2 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

- 2.1 2.1.1 Kuthetha ukuba, thetha phandle/Yide uvele /Hambaze. (2)
- 2.1.2 Yinto yokuba ungumntu onobukhwele endalweni ngoku woyika ukuba uNozililo aze nendaba zokuba umyeni wakhe uyathandana apha phandle. (2)
- 2.1.3 Usebenza kwi inshorensi, uyamjikelezisa kulo lonke eli ade aphumele nakomaSwazini ngoko ke angakwazi ukubuya. (2)
- 2.1.4 Iindaba (1)
- 2.1.5 Ngabo banolwimi bathanda indaba zabantu /abahlebayo / Oothobela sikutyele (1)
- 2.1.6 Uzama ukumkhangela ukuba ukweyiphi na imo kwakhona emlungisa emtsala umdla ukuze amngene kakuhle. (2)
- 2.1.7 Uthetha ukuba bona bazizihlobo ezikhulu hayi nje izihlobo zezinyo / sisihlobo esisenyongweni / ngamaphuth' ahlathi nye / bangumtya nethunga (2)
- 2.1.8 Ilaphu (1)
- 2.1.9 NguMebhelina (1)
- 2.1.10 ULungile ebenikwe umsebenzi wokuba aqhelise uMebhelina umsebenzi emhambisa kwiindawo ngeendawo ukwenzela ukuba angaphazami kakhulu xa sele eziqhubela, bebesafumana into yokutya ngexesha bebesalinde imoto isalungiswa emveni koko baye eStanger. (2)
- 2.1.11 (a) UNomakhwezi ungumntu ozithandayo indaba, unobukhwele, unomsindo okhawulezayo / ongenambeko / ongachubekanga. (2)
- (b) Ngumfazi onolwimi okhohlakeleyo othanda ukuxabanisa/ ofunela kuye izinto ezintle/ingcuka eyombethe ufele lwegusha/ umphixanisi (Naziphina eziMBINI kwezi ziyakwamkeleka) (2)

- 2.2 2.2.1 UNomakhwezi ubethe / ugxoge imoto yomsebenzi ngamatye wayikroboza iifestile wayintlimfiza nomzimba ngenxa yobukhwele. (2)
- 2.2.2 Ugula sisifo esinxulumene nokunyuka kwegazi okubangwa kukusebenzisa ingqondo kakhulu./udinwe kakhulu./High blood pressure. (1)
- 2.2.3 Mnye nguMpumelelo/nanjengonyana ekuphela kwakhe. (2)
- 2.2.4 Ngokuba yinkulu yakhe ekuphela kwayo/ngunyana wokuqala nowokugqibela/yindlalifa yakhe. (1)
- 2.2.5 NguYolisa noThamsanqa/ngudadobawo kaNomakhwezi notatomncinci kaMpumelelo/umntakwaboLungile (2)
- 2.2.6 Akonwabanga/Yimpatho mbi ayifumana kwinkosikazi yakhe. (2)
- 2.2.7 Aze angaze asiyeke isikolo nokuba sekutheni na/lingaze liphele igama lakwaNtsibande esaphila/angamlahli uYolisa noThamsanqa/amnyamezele unina koko kuporha kwakhe (1)
- 2.2.8 Ewe, kuba wafunda wade waba ngugqirha. (2)
- 2.2.9 Aze agcine unina nokuba kuyintoni na/agcine ivenkile yakokwabo negama lakwaNtsibande/angamlahli uYolisa noThamsanqa. (Nayiphina na enye kwezi iyakwamkeleka) (2)

[35]

## OKANYE

### UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

#### UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo.

- Ukuhlonipha kwakhe umsebenzi wakhe.
  - UHlobo ufika kwaLinda ebile esoma etshintsha amavili kaLinda.
  - Inkcazelo ayinikayo ebonisa ukumhlonipha nokumazi lo amsebenzelayo.
  - Inkangeleko nobuhle bangaphandle bendlu kaLinda ngenxa yakhe.
  - Ukuthembeka kwakhe, Umzekelo, Ingxowa kaLinda ayishiye emotweni ifakwe nguye endlwini.
  - Akakhange ayivule nangona ebelele umniniyo.
  - Uthatha le ngxowa akubona ukuba iindwendwe zaseMoonglow zayibona ngoko yayinokulahleka.
  - Iindwendwe zaseMoonglow akazazi amagama azo kodwa uqhele ukuzibona xa ese iti kasisi wakhe.
  - Indlela ambiza ngayo akaphazami ukuthi, usisi.
  - Uyamlwela kuHlobo usisi wakhe.

- Ukubanjwa kukaLinda
  - Akubanjwa uLinda uya kwisikhululo samapolisa eze kuqonda ngosisi wakhe.
  - Ufuna igqwetha eliza kumela usisi wakhe.
  - Enkundleni yamatyala nguye negqwetha kuphela abathethelela uLinda.
  - Uveze nobungqina bokuba ngale mini ayibhaqa ngayo ivolovolo lokaHlobo babebaninzi abantu abahambele uLinda hleze kuthi kanti bayinyengeza.
  - Ubuvezile ubungqina bokuba levolovolo yakhe yalahleka, lo nto nayo ibe luncedo.
  - Ulazile igqwetha likasisi wakhe
  - Enkundleni nguye kuphela oze njengesihlobo sikaLinda. Lithi liqala ityala abe sele ehleli ezitulweni.
  - Ubonakalisa ukumthanda nokumhlonipha usisi wakhe.
  - Wayekho nangomhla wokukhululwa kukasisi wakhe entolongweni. [35]

### OKANYE

#### UMBUZO 4 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)

##### UMQOLO UPHANDLE – PM Ngani

- |     |       |                                                                                                                                          |     |
|-----|-------|------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 4.1 | 4.1.1 | Uthetha ukuba usajongene nalento engakholelekiyo yokufa kukaEddie noLulama/nesihelegu sokufa kukaEddie.                                  | (2) |
|     | 4.1.2 | Basweleke engozini yemoto, uEddie yena ufunyenwe enembumbulu entloko.                                                                    | (2) |
|     | 4.1.3 | Imnandi ngeyona ndlela/imnandi kakhulu.                                                                                                  | (1) |
|     | 4.1.4 | NguLinda Monti                                                                                                                           | (1) |
|     | 4.1.5 | ULinda uyarhaneleka ekufeni kukaEddie noLulama ngoko kufuneka aphantwe/Umcimbi wakhe awumhlanga ufuna ukukhe ujongwe/ uqwalaselwe nzulu. | (2) |
|     | 4.1.6 | Ngumcuphi                                                                                                                                | (1) |
|     | 4.1.7 | Wothuswe kukubona inenekazi lingena lihamba lodwa into leyo engaqhelekanga kubafana baseMonti ababukhali kakhulu ezintombini.            | (2) |
|     | 4.1.8 | Ngujobela                                                                                                                                | (1) |
|     | 4.1.9 | Ngumsiko webhatyi yoboya obumfuma-mfuma embala uhobe.                                                                                    | (1) |

- 4.2 4.2.1 NguLinda Monti nelinye inenekazi abangasalaziyo igama lalo. (2)
- 4.2.2 Kwivenkile iFemina House (1)
- 4.2.3 Luhlobo lwebhatyi yexabiso eyaziwa njengeMink coat. (2)
- 4.2.4 Asiyonyani, uHlobo uze kuphanda ngabantu abathenga olu hlobo lwebhatyi kule venkile / ukhangela ubungqina ngenxa yenkcazelo ayive ngoJoe Bumba (3)
- 4.2.5 Uyiphiwe okwenduku yomNquma. (1)
- 4.3 4.3.1 NguDuma Hlelo (1)
- 4.3.2 Uyamlwela mhla uHlobo eye kwaLinda, Umfunela igqwetha usisi wakhe, uba khona enkundleni mhla kuxoxwa ityala likaLinda, Nguye oza nobungqina obuphela busetyenziswa ukubamba ababulali bakaEddie noLulama. (2)
- 4.3.3 NguMnumzana Khumalo (1)
- 4.3.4 Ileta eyafunyanwa nguDick/Hlobo kwaLinda, ivolovolo (.38 automatic) yakhe esetyenziswe ukubulala uEddie, umzila wamavili awasebenzisayo iiRoadmasters ofunyenwe kwindawo yengozi. (3)
- 4.3.5 Kuseziseleni/entolongweni/ejele/eluvalelweni (1)
- 4.3.6 Sukuthetha into engekho okanye ubuxoki/into engakholelekiyo/into engeyonyani apha (2)
- 4.3.7 Yinto yokuba waphumelela ukhuphiswano lonobuhle beMonti liphela. (2)
- 4.3.8 Lithi, Detective (1)

[35]

**AMANQAKU ECANDELO A: 35****OKANYE**

**ICANDELO B: IDRAMA****UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo.

- Ukuziphatha esikolweni.
  - Ukuthuma kwakhe abantwana besikolo utywala ngexesha lesikolo.
  - Ukubetha amacala nabantwana besikolo kuthengwe utywala.
  - Ukuziphatha kwakhe kumatheko esikolo.
  - Ukungayithobeli kwakhe imithetho yesikolo jikelele.
- Isimo sakhe kulawulo lwesikolo.
  - Ukunyoba kwakhe usihlalo wekomiti.
  - Ukungazithobi kwakhe ngokupheleleyo nangona ezibona ukuba unetyala.
  - Ukudelela imithetho yesikolo nesizwe siphela.
  - Ukunyasha kwakhe ilungelo lomntwana lokufunda
- Isimo sakhe ekuhlaleni.
  - Uyathandana engumntu otshatileyo.
  - Ukunxila kwakhe ngokungathi akafundanga.
  - Akayaleki kwizenzo zakhe usanxila akafundanga kwimpazamo zakhe.
  - Iyelenqe elimdaka alenzela uMawonga nabahlobo bakhe.
  - Isiphelo sakhe sibonakalisa ubomi obungengomzekelo abuphilileyo.
  - Akananyani kwaye akanasazela uyayazi ukuba wayenxila esikolweni
  - Kodwa akasamkeli isiphumo sesimo sakhe

**[35]****OKANYE****UMBUZO 6 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

- |     |       |                                                                                                                                                                          |     |
|-----|-------|--------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | Kwa N.U. 3                                                                                                                                                               | (1) |
|     | 6.1.2 | NguZanele                                                                                                                                                                | (1) |
|     | 6.1.3 | Ebehleli yedwa.                                                                                                                                                          | (1) |
|     | 6.1.4 | Bayathandana/bayahambisana                                                                                                                                               | (1) |
|     | 6.1.5 | Ucinga into yokuba uphinde waya endle/uphinde wayokoluka.                                                                                                                | (2) |
|     | 6.1.6 | Kukunxila emsebenzini, ukuthuma abantwana besikolo utywala ngexesha lesikolo.                                                                                            | (2) |
|     | 6.1.7 | Ngenye imini uyakuze uyibone into yokuba ubomi abululanga buyinto etshintsha-tshintshayo namhlanje kumnandi ngomso kubi.                                                 | (2) |
|     | 6.1.8 | Musa ukulixhoma epalini iswili lakho.                                                                                                                                    | (2) |
|     | 6.1.9 | Ithetha ukuba ingathi kanti naye buqu akasatshayi ngalo nqawa ukutsho ke abasathandani/Akusekho njengokuba ebecinga/Akusekho nto ibadibanisayo xa kuthethwa ngezothando. | (2) |

- 6.1.10 Akazanga zokufuna mali koko ufuna ukuba uFuneka amncede ambuyisele isixhiba kuMawonga ngokuthi amkhuphe endleleni. (2)
- 6.1.11 Bubuxoki, oyena mntu unokunceda ngumntu wasemzini kunalo uzalwa naye. (2)
- 6.1.12 Le ntetho ichaza uFuneka ukuba uyayithanda kakhulu imali kangangokuba nasekuthandanani uthandana ngemali, ukuphela kwemali kukuphela kothando. (2)
- 6.2 6.2.1 NguMawonga Loni (1)
- 6.2.2 Sukukhwaza ungekaphumi ehlathini. (2)
- 6.2.3 KwaFuneka (1)
- 6.2.4 Andivumelani, uMawonga wayesenza okufanelekileyo ngokugcina ucwangco kwakhona ekhusela abantwana kulo mkhuba umbi esikolweni, ubusenziwa ngumntu ofanele ukuba ngumzekelo omhle ebantwaneni.

#### OKANYE

- Ndiyavumelana, uMawonga njengenqununu wayefanele ukuba amluleke amcebise utitshala angangqinelani nabanye abafuna ukumbhukuqa ukuze naye agxothwe. (3)
- 6.2.5 Uyafundisa (titshala) ngoku naye eNxarhuni. (2)
- 6.2.6 NguSammy Maziko ngoba wayefuna esi sikhalelo sikaMawonga sobunqununu. (2)
- 6.2.7 NguFuneka noZanele (2)
- 6.2.8 Sele engumhambi walapha, uze kuZanele nasetywaleni. (2)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

#### OKANYE



**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE****NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu no EZ Guqa****UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma zilandelayo.

- Impatho - mbi kumadoda aseDikeni
  - Ukuhlalisa kakubi abantu ezindlwini zabo.
  - Ukungena bathathe lo nto bayifunayo.
  - Inkolo yokuba abantu abafundileyo abakwazi kulwa.
  - Ukunyanzelisa abantu bashiye imizi yabo kuba besoyika.
  - Amadoda axolele ukuqamela ngamanqindi emizini yawo.
  - Ukuhla kwesidima samadoda kubafazi ebonwa njengamagwala.
  - Ukunyanzelisa amadoda ahlale ekhulule ezindlwini ukwenzela angabasokolisi oorhunta.
- Indima yomthetho
  - Ukungazinikeli kwabomthetho ekubambeni ezi zibhongoobhiyane.
  - Abagcinwa xesha lide entolongweni.
  - Ukulahleka kobungqina naxa sele zibanjiwe.
- Iziphumo ezibi
  - Isenzo sikaMaqhazolo sokwenela yile meko.
  - Abahlobo babaleka namagama abo washiyeka ongxwelerhekileyo.
  - Indlela abethwe ngayo ngamadoda afundileyo yemasikizi emyeka ngokuva ukurhoxoza.
  - Abongikazi bayiwole le ngxwelerha njengeswekile.
  - Sekuqokelelwa izihlunu ebesezahlukene nomzimba.
  - Esibhedlele selencediswa ngobuxhakaxhaka boomatshini ukuphefumla.
  - Ukuncanywa nangumzali waso isikrelemnqa kuba wayesicebisile ngale nto yobundlobongela. (ingcibi yamanzi ifa ngamanzi)
  - Kunamhla akakwazi kuzenzela nto.
  - Inzwane ngamaqothololo angasobe aphinde ashukume.
  - Unqwenela ukucebisa oogxa bakhe bazikhwebule kule mo ngoba ayibhatali. (ulunya lubiz' olunye)

**[35]**

**UMBUZO 8 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu no EZ Guqa**

- 8.1 8.1.1 Itutu ngumntu olisela, iTikitiki yindawo apho elisela lihlala khona. (2)
- 8.1.2 NguThobile (1)
- 8.1.3 UThobile ebethanda ukudlala lo nto ke yenze kuphazamiseke abanye abantwana, enye into wayengayithandi le nto yokuphinda-phindwa kwento enye ayaziyo. Utitshalakazi ebemfaka uswazi kodwa lithe lakungancedi wasoloko emkhupha phandle. (2)
- 8.1.4 Yititshala (1)
- 8.1.5 Linika umfanekiso-ngqondweni webhulukhwe ende enkulu enguwaxa kulowo uyinxibileyo (2)
- 8.1.6 Wayevuzela izinkcwe into enokuba uwuthwalisile. (2)
- 8.1.7 Wafumana isipaji/imali esipajini. (1)
- 8.1.8 EGungululu (1)
- 8.1.9 Wemka negama lakhe/wabaleka wemka apho. (2)
- 8.1.10 Uyibone ukuba ayikho xa ebezakuzithengela amagwinya. (1)
- 8.1.11 Ebehlala yedwa kwigumbi ebehlala kulo ngoba ebeze ngomsebenzi kuphela apha kule ndawo. (1)
- 8.1.12 B/lfetshu (1)
- 8.2 8.2.1 Ndakuyicela ivuthiwe. (1)
- 8.2.2 NguMnyamezeli (1)
- 8.2.3 Hayi, wayengumntu owayekhuthela kodwa waye wonganyelwa kukukhulisa olu sapho. (2)
- 8.2.4 Aba bantwana bakhule phantsi kweliso elibukhali likanina. (1)
- 8.2.5 Ukuhamba uyokufuna umsebenzi ozakuthi ukuhlawule. (2)
- 8.2.6 Imali (1)
- 8.2.7 Ngumntu ozimiseleyo ngeyona ndlela akakhathali nokuba bathini na abanye abantu ufuna kwenzeke ngokweminqweno yakhe. (1)
- 8.2.8 Amadoda ebembona uNokwanda njengomntu ongekafikeleli kwinqanaba lokwenda ukutsho ebesemncinci. (2)

- 8.2.9 (a) Banyanzelisa bengafuni kumamela kwamntu. (2)  
(b) Aba bantwana bebexhomekeke kuQolwana ukubondla. (2)
- 8.2.10 EThekwini (1)
- 8.2.11 Hayi, Ilungelo lokuzikhethela lalo mntwana alihoywanga okwesibini lo mntwana ngokwasemthethweni ufanele ukuba usesesikolweni akakabikho kwixabiso lokwenda. (2)
- [35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**ICANDELO D: ISIHOBE****VUKANI MADODA – A Stemela: Umhleli****UMBUZO 9 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)**

- 9.1 Ngumbongo bungoma/mhobe bungoma. (1)
- 9.2 Kwisitanza sokuqala imbongi isebenzise imvano siphelo edala isingqisho. (2)
- 9.3 Isimntwiso, “Uphume ngendlu umzi kasele/Kuboniswane ngezidla usapho. (2)
- 9.4 Yindawo ahlala kuyo le amasele ezindongeni. (2)
- 9.5 Linika umfanekiso wabantu abaninzi bethe thande/nqwadalala kulo ndawo ngokungathi basenkundleni yokwenyani. (2)
- 9.6 C / Isandi esihambelana nokundila kweliwa okanye intaba. (1)
- 9.7 Ibhityo (1)
- 9.8 Xoxwazana, uchaziwe kwathiwa yinkonde. (2)
- 9.9 Lisele xa likhalela ezantsi. (2)
- 9.10 Ngutata kaYoli (½)
- 9.11 (a) Ukugwintwa (1)  
(b) Itatasholo (1)

**[17½]****OKANYE****UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)****Ukungcwatywa kwetalente – Nqakula C**

- 10.1 Yisonethi / sonnet, inemigca eli – 14. (2)
- 10.2 Kuthetha ukuba umntu angasifihla isiphiwo sakhe sasebomini singaze sibonakale, into engcwatywayo yinto engenaxabiso ngoko eso siphosifane nento engekho. (2)
- 10.3 Ibhekisa kuyo. (1)
- 10.4 Ibhongo (namanye antsingiselo-nye aya kwamkeleka) (1)
- 10.5 Uthi umntu nomntu makangavuyeli nje ukuphila / umntu makazamele ukuba kubekho into elilifa ayishiya ngasemva esizweni. (2)
- 10.6 Izama ukuthi singabi sosizwe esilambayo esihamba sicela kwezinye izizwe. (2)
- 10.7 Nabantu abadala, imilenze yabo sele isoyisakala ngenxa yobudala. (1½)
- 10.8 Umgca we – 10, “Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi” / neemfundiso kwabancinci kunabo ezingobomi neengxaki zabo (1)

- 10.9 Umgca we – 4 “Njengokuba sendisondele kangakanana ngoku ekufeni.” (2)
- 10.10 Imfano-zandi/imvano-zandi. (1)
- 10.11 Kungokuba kungekho msebenzi mhle/anebhongo ngawo anokuthi uwushiye ngasemva esizweni. (2)
- [17½]**

### OKANYE

#### UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

##### Inkonjane – Sigonya VV

- 11.1 Okwengelosi, isifaniso (2)
- 11.2 Ngumoy’ ongephi zityhil’ ubumbeje-mbeje. (1)
- 11.3 Kukuyifunela kuwe uyenze eyakho. (1)
- 11.4 Yayincoma ngaphakathi kuyo entliziyweni ingenamazwi ewakhuphela ngaphandle. (2)
- 11.5 Uyoyika/uyatyhwatywa/unedyudyu/unentaka (1)
- 11.6 Ithetha ukuyiqwalasela into umilisele amehlo akho kuyo / ukuzinga eyijonga engawasusi amehlo kuyo (2)
- 11.7 Ehlotyeni (½)
- 11.8 Lichaza ukuba le nkonjane inoboya obuninzi obushinyeneyo. (2)
- 11.9 Inika umfanekiso womntu ohamba ngokuzithemba engoyiki kwanto. (2)
- 11.10 Sibonisa ukuyihlonipha nokuyinika imbeko lentaka. (2)
- 11.11 Ngumntu omsulwa ongenazono/ongcwele ongenzi bubi kwabanye abantu /ongenachaphaza. (1)
- 11.12 Ngumbongo-mbono/mbongo-nkcazo. (1)
- [17½]**

### OKANYE

**UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)****Bafana Bafana – Xayimpi S**

- 12.1 Hayi, ukudlalwa kwale midlalo kwakungomnyaka ka- 1996 iminyaka emibini emva konyaka ka- 1994 unyaka wokukhululeka koMzantsi Afrika. (2)
- 12.2 Ngaba baneminyakana embalwa befikile ebudodeni, baphumile ebukrwaleni kodwa abakabi ngawo amadoda amadala. (2)
- 12.3 Kukubhabha (1)
- 12.4 Umgca we – 5 “Ngamayeye, yimincili!” Yintswahla- a-a-a! (2)
- 12.5 Bawine/baphumelele indebe yomdlalo webhola ekhatywayo yaseAfrika ka 1996/1996 Africa Nations Cup/Caf Cup (Confederation of Africa Cup) (1½)
- 12.6 Lisetyenziswa ukubonisa ukuvuya uvuyela umsebenzi omhle owenziwe ngumntu / ukuncoma into entle eyenziwe ngumntu, ukuyiyizela. (2)
- 12.7 Ziphuhlisa intsingiselo yovuyo, imincili nokuyithanda le nto yenzekileyo. (2)
- 12.8 Kungokuba uMandela wayengumongameli weli lo Mzantsi Afrika ngelo xesha. (2)
- 12.9 Kuthethwa ngokunxulumene nezemali norhwebo. (2)
- 12.10 Lithetha ukuba igqibile imbongi ayiphindi idlulele. (1)

**[17½]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**  
**AMANQAKU EWONKE: 70**

